



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL ASSESSMENT GENERAL EDUCATION CERTIFICATE (GEC)

2023 GRADE 9 PILOT STUDY

Isifundo: IsiXhosa ulwimi lwasekhaya (HL)

Amanqaku: 70

Ixesha: 150 imizuzu
akufakwanga imizuzu eli-15 yokufunda

Olu vavanyo lunamaphepha ali-24 kungabalwanga iphepha eligqumayo.

Imiyalelo eya kubafundi

1. Uza kunikwa imizuzu eli-15 yokufunda phambi kokuba ubhale olu vavanyo.
2. Funda imiyalelo nemibuzo ngocoselelo.
3. Phendula yonke imibuzo.
4. Sebenzisa incwadana oyinikiweyo ukuphendula imibuzo.

Uviwo luqala kwiphepha elilandelayo.



Musa ukutyhila iphepha de uyalelwe ukulityhila.

Umbuzo 1: Uvavanyo lokuqonda

Funda esi sicutshulwa wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

UKUSETYENZISWA KWESELULA EZIKOLWENI NGABAFUNDI

- 1 Ubuchwepheshe kunye nokubela kwamaqonga onxibelelwano afana noFacebook, uMxit, uWhatsApp kunye noYouTube buyitshintshile indlela abantwana abanxibelelana ngayo kwenza ubomi balula. Kula maqonga abafundi bayakwazi ukunxibelelana noontanga babo kwiindawo ngeendawo ezohlukeneyo zelizwe kunye nehlabathi. Lo gama la maqonga evula amathuba amatsha onxibelelwano zibakhona iingozi nezinye izinto ezingalunganga ngawo ezithi zivele. Abantu abaninzi basebenzisa la maqonga onxibelelwano ukwenza izinto ezigwenxa kwabanye abantu ngokubaxhaphaza abo basebenzisa la maqonga bona bengaqondanga.
- 2 Ngenxa yefuthe lokusetyenziswa koonomyayi ezikolweni abafundi bangena lula kwiintanethi. Kula maqonga bafumana iinkcukacha ezifana nokuxhatshazwa emphefumleni njengokuthumela imiyalezo equlethe amasikizi. Oku kubangela ukuba batyeshela izifundo zabo. Ukuba ukhona umntu okoyikisayo okanye osasaza iinkcukacha ngobomi bakho kufuneka uxelele umntu omdala okanye amapolisa ngokukhawuleza. Abazali bayacetyiswa ukuba bajonge ezi mpawu zilandelayo kumaxhoba: indlela abasilela ngayo kwizifundo, udandatheko lomphfumlo kunye nendlela embi abaziphethe ngayo ekuhlaleni.
- 3 Ezikolweni abafundi basebenzisa iiselula ngendlela engamkelekanga. Maxa wambi utitshala ubanika umsebenzi ukuze baphande ngomba othile okwisifundo sabo bona bangakwenzi oko. Basebenzisa eli thuba ukundwendwela amakhasi onxibelelwano angenanto yokwenza neso sifundo. Akukho lula kootitshala ukubabhaqa abafundi xa bethe baphuma kweso sifundo kuba bakhawuleza babuyele kwisihloko eso basinikiweyo. Iiselula zenza kubenzima ukuphulaphula kude kuphele isifundo kumagumbi okufundela. Uphando olwenziwe kwiyunivesithi yaseStellenbosch lubonisa

ukuba ukufika kobu buchwepheshe beeselula, luze noncedo ukuze abafundi bafumane ulwazi. Kwelinye icala ukusebenzisa ezi zixhobo zonxibelelwano zenze ukuba umsebenzi wabo ongundoqo usilele.

- 4 Olunye uphando lubonise ukuba siyazikhohlisa xa sivumela abafundi basebenzise iiselula emagumbini okufundela ukwenza uphando ngokufundwayo. Eli thuba balisebenzisela ukuqhagamshelana noontanga kunye nezihlobo zabo kumakhasi onxibelelwano ungaqondanga. Abaphandi bathi yingxaki le yokufunda ngeeselula kuba ukujonga izinto ezininzi ube ufunda kwenza ungaqhubi kakuhle kwizifundo zakho. Uninzi lwabafundi aluyiboni iyinto embi leyo yokusebenzisa iiselula kumagumbi okufundela. Kudala ingxaki ukusebenzisa iselula kwigumbi lokufundela kuba uthi akubuzwa umbuzo angatsho ukuphendula kuba akamva utitshala xa ethetha. Bakubuzwa ukuba kutheni bedlala ngeselula basuka baphendule bathi, “oxhel’ eyakhe akabuzwa”.
- 5 Ngamanye amaxesha abafundi basebenzisa iiselula ngokuthi bahlekise ngomfundisi-ntsapho ngokuthwebula imifanekiso yezihlangu okanye iinwele zikatitshala baze bazisasaze kumakhasi onxibelelwano. Yonke le nto idala ingxaki yokuphazamiseka kwabo ezifundweni njengokuba bechitha ixesha labo elininzi ngokusebenzisa iiselula. Lilonke amaqonga onxibelelwano anako ukwenza ubomi bube lula ukwenzela abantu bakwazi ukwenza izinto ebebengakwazi ukuzenza ngaphambili nangona kunjalo kufuneka baqaphele xa besebenzisa la maqonga ukwenzela bangazifumani bengamaxhoba okuxhatshazwa.

[Esi sicutshulwa sithatyathwe kwi-ISOLEZWE saza sahlelwa

- 1.1 Ukufika kweeselula kuyiphucule njani indlela yokunxibelelwana nabanye abantu?
- A Kuphazamisa abantu xa begxile kwinto ethile.
 - B Kwenze uluntu lube ngamakhoboka azo.
 - C Kubangele iingozi ezindleleni.
 - D Kwenze unxibelelwano lwafumaneka lula, konga ixesha nemali. (1)

- 1.2 Leliphi iqonga kula adweliswe ngezantsi elingafumanekiyo kwiiselula xa ufuna ukunxibelelana nabantu?
- A You Tube
 - B Fax
 - C Facebook
 - D Instagram
- (1)
- 1.3 Chonga uphawu lokuxhatshazwa elunokuba sebantwaneni ekufuneka luqatshelwe ngabazali.
- A Ukuba nomdla omkhulu kwizifundo
 - B Ukuthanda izifundo zakhe
 - C Ukungabinawo umdla kwizifundo zakho
 - D Ukudandatheka komphemfulo
- (1)
- 1.4 Yintoni le isetyenziswa ngabafundi ezikolweni ngendlela engamkelekanga?
- A yiselula
 - B luphando
 - C ziincwadi
 - D ziividiyo
- (1)
- 1.5 Bobuphi ubungqina obukhoyo kule tekisi obubonisa ukuba abafundi basebenzisa iiselula ngendlela engalunganga ezikolweni?
- A Abafundi batsalela abahlobo babo iminxeba ngexesha lesifundo.
 - B Abafundi bayaphulaphula kumagumbi okufundela.
 - C Abafundi benza uphando ngezifundo abazinikiweyo.
 - D Abafundi bandwendwela amakhasi onxibelelwano angenanto yokwenza nemfundo.
- (1)

1.6 Funda isivakalisi esingezantsi uze ukhethe esishwakathela kakuhle umyalezo wesicatshulwa?

“Ukusetyenziswa kweeselula kudlulisa imiyalezo emasikizi”

- A Ukusetyenziswa gwenxa kweeselula ezikolweni.
- B Kufunyaniswe ukuba abafundi bayaphoswa ngokwenzekayo kumakhasi onxibelelwano.
- C Kufunyaniswe ukuba abafundi beli xesha baxabise ezobuchwepheshe.
- D Abaphandi bafumanise iyingxaki into yokusetyenziswa kweeselula kumagumbi okufundela. (1)

1.7 Yeyiphi ingcingane ephambili enikwa ngumbhali ngokusetyenziswa kweeselula ezikolweni?

- A Umbhali uthi iiselula zingasetyenziswa kumagumbi okufundela.
- B Umbhali uvumelana nokusetyenziswa gwenxa kweeselula ezikolweni.
- C Umbhali uthi iiselula ziluncedo kodwa zingakwazi ukusetyenziswa gwenxa.
- D Umbhali uyayixhasa into yokusetyenziswa kweeselula kodwa emakhaya. (1)

1.8 Ucinga ukusetyenziswa kweeselula ngabafundi ezikolweni kuluncedo kwizifundo zabo?

- A Ewe kuba abafundi bafumana ithuba lokufunda ngeminye imiba enxulumene nezifundo zabo.
- B Ewe kuba abafundi basebenzisa iiselula ukunxulumana nabahlobo babo abakude.
- C Ewe kuba abafundi basebenzisa iiselula ukwenza uphando ngezifundo.
- D Ewe kuba abafundi basebenzisa iiselula ukuthumela imiyalezo emifutshane.

(1)

1.9 Olu chasaniso 'ukuthatha ubeka' luthetha ukuthini ngokomxholo wesi sicutshulwa?

- A Ukuthatha izinto zabanye abantu
- B Ukuthatha izinto ezingezizo zakho
- C Ukuthatha izinto uzibeke kwenye indawo
- D Ukucinga izinto ezininzi ngaxesha nye

(1)

1.10 Usibonisa ntoni umbhali ngesi sivakalisi singezantsi?

“Logama la maqonga evula amathuba amatsha onxibelelwano zikhona iingozi nezinye izinto ezingalunganga ngawo”

- A Amaqonga onxibelelwano akathembeki
- B Amaqonga onxibelelwano alungile
- C Amaqonga onxibelelwano aluncedo
- D Amaqonga onxibelelwano ayalukuhla

(1)

- 1.11 Umbhali unika yiphi ingcamango ngokusetyenziswa kweeselula ezikolweni?
 “Abafundi badlulisa imiyalezo emasikizi, bathi baxhatshazwe ngokwasemoyeni”
- A Abafundi bakhuselekile kumaqonga onxibelelwano
 - B Abafundi bangazifumana bengamaxhoba okuxhatshazwa emoyeni
 - C Abafundi basebenzisa gwenxa iiselula ezikolweni
 - D Abafundi basebenzisa iiselula ngendlela elungileyo (1)
- 1.12 Unxibelelwano luyitshintshile indlela yokunxibelelana ebantwaneni.
- A Yinyani kuba abantwana bayakwazi ukunxibelelana nabanye abakumanye amazwe.
 - B Yinyani kuba abantwana baqahagamshelana nzima nabantu abakude.
 - C Yinyani kuba abafundi basebenzisa iiselula ngendlela elungileyo.
 - D Yinyani kuba abafundi bayakwazi ukubhala imisebenzi yesikolo. (1)
- 1.13 Ingaba unxibelelwano lwale mihla lohluke njani kunxibelelwano lwamandulo?
- A Luyakhawuleza kwaye lufikelele nakubantu abakude
 - B Wonke umntu uyakwazi ukusebenzisa ubuxhakaxhaka bale mihla
 - C Luyakhawuleza kwaye luyafikeleleka
 - D Alukhawulezi kwaye alufikeleleki (1)
- 1.14 Nika intsingiselo yeqhalo elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshuwa (kumhlathi-4)
- A Ukuphoxeka kwinto oyithembileyo
 - B Ukumamela iingcebiso xa uzinikwa
 - C Ukwenza izinto ngendlela ofuna ngayo ungahlutshwa
 - D Ukuba nenkani ungamameli (1)

1.15 Ingaba umbhali uphumelele ukudlulisa umyalezo wophando kwesi sivakalisi singezantsi?

“...yingxaki le yokufunda ngeeselula kuba ukujonga izinto ezininzi ube ufunda kwenza ungaqhubi kakuhle...”

- A Uphumelele kuba uphando lubonisa ubungozi bokusetyenziswa kweeselula ezikolweni ngabafundi.
- B Uphumelele kuba uphando lubonisa ukulunga kokusetyenziswa kweeselula ezikolweni.
- C Uphumelele kuba uphando lubonisa imiphumela emihle yokusebenzisa iiselula ezikolweni.
- D Uphumelele kuba uphando lubonisa ukuba abafundi abazisebenzisi iiselula ezikolweni. (1)

1.16 Chonga ingcingane ephambili yombhali apha kwesi sicutshulwa?

- A Umbhali uthanda amaqonga onxibelelwano
- B Umbhali uthanda ubuchwepheshe beeselula
- C Umbhali uzama ukusibonisa ntoni ngokubaluleka kweeselula
- D Umbhali usibonisa izinto ezimbi nezintle ezenziwa ngabafundi (1)

1.17 Ingaba iziphumlisi zisebenze msebenzi mni apha kwesi sivakalisi esingezantsi? Amaqonga onxibelelwano afana noFacebook, uMxit, uWhatsApp kunye noYouTube benze ubomi bube lula

- A Ukubonisa isivakalisi esibalulekileyo
- B Ukubonisa ulandelelwano lwezinto ezidwelisiweyo.
- C Ukubonisa ukuphumla xa ufunda isivakalisi
- D Ukubonisa isivakalisi esineziphumlisi ezininzi (1)

1.18 Chaza intsingiselo yegama 'batyeshela' ithetha ukuthini. (kumhlathi wesi-2)

- A Abafundi bafunda ngokuzimisela
- B Abafundi benza umsebenzi wabo wesikolo
- C Abafundi bayeka ukwenza umsebenzi wabo wesikolo
- D Abafundi bathanda umsebenzi wabo wesikolo (1)

1.19 Yeyiphi imbono ephambili yombhali apha kwesi sicutshulwa?

- A Umbhali usibonisa ukuba abafundi abayikhathalelanga imfundo yabo.
- B Umbhali uluchaphazela njani uluvo lomfundi ngokusetyenziswa kweeselula ezikolweni.
- C Umbhali usibonisa ukuba abafundi basebenzisa iiselula gwenxa.
- D Umbhali usikrobisela izinto ezenziwa ngabafundi ngeeselula. (1)

1.20 Esi sicutshulwa sijoliswe koluphi udidi lwabantu?

- A Kubafundi abathanda ukwenza uphando ngezifundo zabo.
- B Kubafundi abangenawo umdla kwizifundo zabo.
- C Kubafundi abonwabela ukusebenzisa amaqonga.
- D Kubantwana besikolo abasebenzisa iiselula zabo eklasini. (1)

1.21 Kusetyenziswe oluphi ulwimi ukunika intsingiselo kwesi sivakalisi silandelayo.

“Siyazikhohlisa xa sivumela abafundi basebenzise iiselula emagumbini okufundela”

- A Kusetyenziswe ulwimi olumasikizi
- B Kusetyenziswe ulwimi olulumkisayo
- C Kusetyenziswe ulwimi oluqhathayo
- D Kusetyenziswe ulwimi olucengayo (1)

1.22 Khetha isivakalisi esibonisa ukuba umbhali ulumkisa ootitshala ngokusetyenziswa gwenxa kweeselula.

“Abafundi basebenzisa iiselula ngokuthi bahlekise ngabafundisi-ntsapho bathwebule imifanekiso yezihlangu neenwele baze bazisasaze kumakhasi onxibelelwano”

- A Bazi ukuba iiselula zisetyenziswa ngendlela elungileyo kunye nengalunganga ngabafundi.
- B Bazi ukuba abafundi basebenzisa iiselula ngendlela ethandwa ngabo.
- C Bazi ukuba abafundi bazisebenzisa qho iiselula zabo.
- D Bazi ukuba abafundi kufuneka bangathengelwa selula emakhaya. (1)

1.23 Ingaba umbhali uphumelele ukulumkisa ootitshala nabazali ngokusetyenziswa kweeselula ezikolweni ngabafundi?

- A Uphumelele kuba abafundi batsho bayeka ukuzisebenzisa kumagumbi okufundela.
- B Akaphumelelanga kuba abazali abakakuyeki ukwalela abatwana beze neeselula ezikolweni.
- C Uphumelele kuba ulumkise ootitshala kunye nabazali wababonisa nophando olwenziweyo ngale ngxaki.
- D Akaphumelelanga kuba abantwana abayiboni iyingxaki into yokusetyenziswa kweeselula ezikolweni. (1)

1.24 Sesiphi isiphelo esifanelekileyo esizotywe ngumbhali ngesi sicutshulwa.

- A Ukudala umdla kwintshayelelo yesi sicutshulwa.
- B Ukuloba abantu ukuze babe nomdla kumaqonga onxibelelwano.
- C Ukulumkisa abafundi ngobungozi bokusetyenziswa kweeselula ezikolweni.
- D Ukudala umdla kubantu abasebenzisa amaqonga onxibelelwano. (1)

1.25 Umbhali usifundisa ntoni ngesi sicutshulwa?

- A Ukwazile ukulumkisa ngamaqonga onxibelelwano.
- B Ukwazile ukudlulisa umyalezo ngeeselula.
- C Ukwazile ukufundisa abantu ngobungozi bamaqonga onxibelelwano.
- D Ukwazile ukuchaza uncedo lweeselula. (1)

[25]

Umbuzo 2

2.1 Isibhengezo-ntengiso

Funda esi sibhengezo-ntengiso silandelayo uze uphendule imibuzo esekwe kuso

**Ingaba ukhathazwa kukudinwa?
Awuboni kakuhle?**



Khawuleza uzifumanele lo mxube wemifuno neziqhamo.
Ukusukela namhlanje uza kuphila kakuhle ube namandla.
Lo mxube weziqhamo uza kuphelisa iingxaki zakho ziphele!

Qhakamshelana nathi: 071 9114 754/www.fruitveg.co.za

[Sicatshulwe kwi-intanethi saze sahlelwa]

2.1.1 Mveliso ni le ikule ntengiso?

- A Yimveliso yeziqhamo zodwa.
- B Yimveliso yemifuno yodwa.
- C Yimveliso yemifuno neziqhamo.
- D Yimveliso yokutya okunempilo.

(1)

2.1.2 Sijoliswe koobani esi sibhengezo-ntengiso?

- A Sijoliswe kubantu abanempilo engomelelanga.
- B Sijoliswe kumlisela nomthinjana
- C Sijoliswe kubantu abalimayo.
- D Sijoliswe kubantu abathanda imifuno neziqhamo. (1)

2.1.3 Xela isizathu sokusetyenziswa kwamagama amakhulu kwesi sibhengezo?

- A Kukuloba abantu bakwazi ukuphila kakuhle.
- B Kukuloba umdla wabathengi.
- C Kukuloba abo balangazelela ukuphila impilo engcono.
- D Kukuloba abo banqwenela ukuphila ubomi obude. (1)

2.1.4 Sesiphi isiqinisekiso osithenjiswayo kule ntengiso?

- A Uthenjiswa ukuba uza kuphila kakuhle ube namandla nempilo.
- B Uthenjiswa ukuphila qethe.
- C Uthenjiswa ukuba ukusukela namhlanje uza kuphila kakuhle, ubenamandla, iingxaki zakho ziphele zonke.
- D Uthenjiswa ukuthabatha uxanduva ngempilo yakho. (1)

2.1.5 Myalezo mni odluliswa yile ntengiso?

- A Ukhuthaza abantu ukuba bahlale besempilweni.
- B Ukhuthaza abantu ukuba bazikhathalele.
- C Ukhuthaza impilo entle ebantwini.
- D Ukhuthaza abantu ukuba batye ukutya okunezakha mzimba. (1)

[5]

2.2: Ikhathuni

Funda le khathuni ingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuyo.



[Sicatshulwe kuwww.barrycartoons.com]

- 2.2.1 Baphi aba bantu abakulo mfanekiso? (1)
- 2.2.2 Budlelwane buni obukhoyo kwaba balinganiswa? (1)
- 2.2.3 Mvakalelo ni eboniswa ngumama kwintetho yakhe? (1)
- 2.2.4 Yintoni le engaqhelekanga ekhoyo kule khathuni? (2)

- 2.2.5 Isigqibo somntwana ozivalele kwigumbi lakhe waze wabhala ngamagama amakhulu sityhila ntoni ngaye? (2)
- 2.2.6 Sizathu sini esibangela umntwana abone imidlalo yeevidiyo ibalulekile kunemfundo? (1)
- 2.2.7 Myalezo mni ogqithiswa yile khathuni? (1)
- 2.2.8 Ingaba aba balinganiswa bakule khathuni bavakalelwa ngokufanayo? (1)

[10]

Umbuzo 3

Isishwankathelo

Funda isicatshulwa uze ushwankathele **uchaze iimpawu zoxinzelelo lwengqongo ebantwaneni** ngokwale miyalelo elandelayo.

1. Dwelisa iingongoma ezisiXHENXE ngezivakalisi.
2. Nombola izivakalisi ukusuka kwingongoma yoku 1 ukuya kweyesi-7.
3. Bhala ingongoma ibe NYE kwisivakalisi ngasinye.
4. Sebenzisa awakho amagama kangangoko unako.
5. Isishwankathelo kufuneka sibe ngamagama angama-70-80.
6. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ekupheleni kwesishwankathelo.
7. Musa ukubhala isihloko kwisishwankathelo.

IIMPAWU EZINOKUBONWA KUBANTWANA ABANOXINZELELO LWENGQONDO

Kumaxesha amaninzi abantwana baye babe noxinzelelo lwengqondo de bafikelele kwisigqibo sokuba bazibulale. Abazali abaninzi baye bangaqapheli ukuba kukho undonakele ebantwaneni babo. Makuqatshelwe ukuba ulutsha oluphantsi koxinzelelo lwengqondo lungangayithethi imvakalelo yalo esesiqwini nasemphefumleni. Ngelinye ixesha abazali abaqondi, bangaboni neempawu ezibonisa uxinzelelo lwengqondo ebantwaneni.

Ngumaxesha amaninzi ulutsha luye lubonise ukuba lunoxinzelelo lwengqondo ngeendlela ezahlukeyo kwezo zabadala. Kubalulekile ukumjonga uphinde umqwalasele umntwana wakho indlela alala ngayo ebusuku ukuba yengaphazamisekiyo. Ubuthongo babo buye buphazamiseke ngendlela esisimanga xa bephantsi koxinzelelo lwengqondo. Umntu onoxinzelelo lwengqondo ulala iiyure ezimbalwa kunezo zilindeleke kumntu wonke ukuphumza ingqondo nomzimba. Umzali makaqaphele kwakhona xa kutshintsha isimilo nendlela aziphatha ngayo umntwana ukuba iyafana nale yangaphambili.

Amaxesha amaninzi umntwana onoxinzelelo uye aphulukane nesimilo sakhe aqalise abe nemikhuba engaqhelekanga. Jonga indlela yokutya ukuba iyafana nale yangaphambili. Umntwana onoxinzelelo uye angakufuni okanye angakucaceli ukutya agqibele ngokungafuni nokuya ebekuthanda.

Intloko nesiyezi zezinye zeempawu zomntu onoxinzelelo lwengqondo. Mse umntwana wakho kwagqirha xa umbona engaphilanga ehlutshwa yintloko nesiyezi. Mncedise ukusela amayeza awanikiweyo ngugqirha. Umntwana osoloko ezivalele egumbini lakhe lokulala engafuni ukudibana nabahlobo kunye nani endlini mgade kuba kungenzeka ukuba unoxinzelelo. Ukusoloko ufuna ukuba wedwa ungadibani nabantu kunganobungozi kuba ungade ucinge ukuzibulala kuba ungonwabanga. Njengosapho oluqhele ukutya isidlo sasebusuku okanye niqhele ukuzilolonga ngaxesha linye, mjonge umntwana ukuba usenawo umdla wokwenza oko. Khawuleza umfunele uncedo ngoko nangoko xa uqaphela ezo mpawu.

Njengosapho yibani nexesha elingaguququkiyo lokutya nelokwenza umthambo. Thetha nomntwana wakho rhoqo uze umncede amelane neemvakalelo zoxinzelelo. Uxinzelelo nokuxhatshazwa ngokweemvakalelo kunokwenza umntu azive engaxabisekanga yaye engathandwa ngabanye abantu, ngoko qhubeka uxelela umntwana wakho ukuba uyamthanda.

[Sicatshulwe kuwww.jw.org magazine saze sahlelwa]

[10]

Umbuzo 4

Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi

Funda le prozi ingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuyo.

Ubuhle bekhiwane

Ndathi ndakujonga esihlahleni, ndabona ukuba ndisalelwe yimizuzu elishumi elinesihlanu kwixesha ebendilicele kwingqonyela yenkampani endandixelenga kuyo. Elo xeshana sasinalo saya kuthenga into eya phantsi kwempumlo. Saya kwivenkile yokutya okukhawulezileyo, safika apho sathenga mifuno, inyama, iziqhamo kunye neziselo ezibandayo. Sabuya sathenga nezimuncumuncu. Kaloku intombi yayizithanda izinto ezimnandi, yinto yokuqala endayiqaphelayo kwincoko esasinayo. Sathi sakugqiba ukutya apho uZoleka wathenga oku kutya kwabeLungu, laa nto ingcangcazelayo ibomvana, ijeli. Sathi sakugqiba apho sathwebula imifanekiso, sakugqiba sakhululeka. Ndampheleka, ndaya kumbeka apho wayesebenza khona. Kaloku wayeqala ngala mhla emsebenzini. Wandicela ukuba ndingene ndibonwe ngabantu asebenza nabo, ndandingasenalo nexesha. Ndanikwa ke elo qongakazi ukuba ndikhe ndizichaze ukuba ndingubani kwaye sidityaniswa yintoni nale nzwakazi. Kwatsho kwasa kum kuba ndakhawuleza ndahletyelwa lelinye inene elalisebenza apho ukuba usisi lo udume kakubi ngokuxhaphaza amadoda amsulwa nalawo angazinto ngaye. Wathi mandibaze amehlo ndingaqhwanyazi. Ndenza njalo, kanti ngutsotsikazi endandisele ndimfake ngaphakathi kwintliziyo yam kwaye ndineegcinga **zomhlambi** weenkomo endandifuna ukumlobola ngazo. Ingqondo yam yathatha ibeka ndagqiba kwelokuba inkosazana le inguZoleka likhiwane. Ingaba ngenene wayelilo? Ndazibuza loo mbuzo andatsho ukufumana impendulo.

[Ithatyathwe kwi-www.bing.com/AMABALANA. yaze yahlelwa]

4.1 Chonga isibizo esimbaxa kwezi zibizo zidweliswe ngezantsi.

- A Ubuhle
- B Intonga
- C Iphephandaba
- D Ubisi (1)

4.2 Loluphi udidi lwesivakalisi olu lubhalwe kwisivakalisi esingezantsi?

“Ndampheleka, ndaya kumbeka apho wayesebenza khona kaloku waye waqala emsebenzini ngala mini.”

- A Sisivakalisi esimbaxa.
- B Sisivakalisi esilula.
- C Sisivakalisi esibalulayo.
- D Sisivakalisi esingathathi njongosenzi. (1)

4.3 Bonisa isithethantonye seli gama ‘ndandixelenga’

- A Ndandibonwa
- B Ndandihamba
- C Ndandithandwa
- D Ndandisebenza (1)

4.4 Sithini isichasi segama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisivakalisi esingezantsi.

“Esi sibini sasibonakala nakuthathatha ukuba sonwabile”

- A sinxunguphele
- B silulamile
- C siyolelwe
- D sixakekile (1)

4.5 Xela igatya elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi singezantsi.
“Siyazama kodwa yena akancedisi”

- A Igatya elibalulayo
- B Igatya sihlomelo sexesha
- C Igatya eliyintloko
- D Igatya lobalulo olungathanga ngqo (1)

4.6 Sebenzisa esi sihlanganisi ‘nangona’ kwesi sivakalisi singezantsi sitsho sibe nentsingiselo echanekileyo.
UZoleka wayemthanda umfo wakhe. UZoleka wayengena xesha lakhe.

- A UZoleka wayemthanda lo mfo nangona uZoleka wayexakekile.
- B UZoleka wayengenaxesha nangona wayemthanda.
- C UZoleka wayemthanda nangona uZoleka wayengena xesha.
- D UZoleka wayemthanda umfo wakhe nangona wayengena xesha lakhe. (1)

4.7 Chaza ukuba isichazi kwesi sivakalisi singezantsi siwela koluphi udidi?
‘Wathatha ndlela yimbi, umfo wasemzini’.

- A isibaluli
- B isiphawuli
- C isimnini
- D isichazi sokukumbi (1)

4.8 Sisetyenziswe njani isihlomelo kwesi sivakalisi silandelayo?

Intombazana yayizithanda kakhulu izinto ezimnandi.

- A Sibonisa ixesha
- B Sibonisa indawo
- C Sibonisa ubunjani
- D Sibonisa ubungakanani (1)

4.9 Khetha isenzi esikwisixando sokwenzisa kwezi zidweliswe ngezantsi.

- A UZoleka waqalisa ngalo mhla.
- B UZoleka wathandana noThulani.
- C UThulani wayethembele kuZoleka.
- D UZoleka wabetheka kabuhlungu. (1)

4.10 Khetha ibinzana kula alandelayo eliphuhlisa okuthethwa kwesi sivakalisi singezantsi.

'UZoleka wamxina uThulani ngemibuzo engamniki nethuba lokuphefumla'

- A Wayexhaph'amagwebu
- B Wayebila esoma
- C Wayembeth'emlonyeni
- D Wayempheka emophula (1)

4.11 Sebenzisa igama 'umhlambi' kwisivakalisi liphuhlise intsingiselo eyahlukileyo kule yesicatshulwa.

- A Umhlambi weenkomo ongaziwayo ufunyenwe kumadlelo akwaTshangisa.
- B Umhlambi weegusha ufunyenwe kwammelwane.
- C Umhlambi weebhokhwe ubiwe izolo.
- D Umhlambi weempahla zethu uthi intlawulo incinci kakhulu, mayinyuswe.

(1)

4.12 Bhala esi sifinyezo ngokupheleleyo 'Nkszn'.

- A Nkosana
- B Nkosikazi
- C Nkosi
- D Nkosazana

(1)

4.13 Chaza umsebenzi wolu phawu lusetyenziswe kwisivakalisi esilandelayo. Ingaba ngenene wayelilo?

- A Lubonisa uphawu lombuzo
- B Lubonisa isikhuzo
- C Lubonisa isiphumlisi
- D Lubonisa isingxi

(1)

4.14 Faka isimelabiso soqobo endaweni yesibizo esikrwelelweyo kwisivakalisi esingezantsi.

'Kaloku intombi yayizithanda izinto ezimnandi, yinto yokuqala endayiqaphelayo kwincoko esasinayo'.

A abona

B yona

C yonke

D yena

(1)

4.15 Khetha isivakalisi esibhalwe ngokuchanekileyo kwezi zilandelayo.

A Elo xesana sasinalo saya kuthenga into esiwa phantsi kwephumlo.

B Elo xheshana sasinalo saya kuthenga into esiwa phantsi kwepulo.

C Elo xeshana sasinalo saya kuthenga into esiwa phantsi kwempumlo.

D Elo xhesana sasinalo saya kuthenga into esiwa phantsi kwepumlo.

(1)

4.16 Khetha isivakalisi esikwixesha eladlulayo kwezi zilandelayo.

A Sathenga into esiwa phantsi kwempumlo.

B Sithenge into esiwaphantsi kwempumlo.

C Siyakuthenga into esiwa phantsi kwempumlo.

D Sithenga into esiwa phantsi kwempumlo.

(1)

4.17 Guqula esi sivakalisi sibe kwimo yengxelo-ntetho.

"Ndineendaba ezimyoli," watsho uZoleka.

A Ezimyoli zona iindaba ndinazo watsho uZoleka.

B Ziindaba zodwa ezimyoli utshilo uZoleka.

C UZoleka wathi uneendaba ezimyoli.

D UZoleka utsho uthi uneendaba ezimyoli.

(1)

4.18 Nika intsingiselo yeli binzana likrwelelweyo kwesi sivakalisi silandelayo.

“Ndagqiba kwelokuba inkosazana le inguZoleka likhiwane”

- A UZoleka wayemsulwa ngaphandle nangaphakathi
- B UZoleka wayemsulwa ngaphandle kuphela
- C UZoleka wayemsulwa ngaphakathi kuphela
- D UZoleka wayemsulwa amacala amabini (1)

4.19 Sibonisa ntoni isivakalisi sokuqala kwesi sicutshulwa?

“Ndathi ndakujonga esihlahleni, ndabona ukuba ndisalelwe yimizuzu elishumi elinesihlanu”

- A Ukulumkisa abantu ngomsebenzi.
- B Ukubonisa ukuba ulixabisile ixesha.
- C Ukubonisa ukuba usebenzisa isihlahla.
- D Ukubonisa ukuba uyalazi ixesha. (1)

4.20 Nika intsingiselo yeli binzana lilandelayo ngokwesi sicutshulwa.

“Mandibaze amehlo ndingaqhwanyazi”

- A Mandimjonge kancinci
- B Mandivule amehlo ndimjonge
- C Mandingamjongi ndimthathele izigqibo
- D Mandimjonge kuba ndimthanda (1)

[20]

ISIPHELO

